
UKhazi yikati encinane engaqhelekanga. Ezinye iikati wayehlala nazo zazileqa iimpuku, kodwa uKhazi wayengayenzi loo nto.





Wayethanda umbala obomvu kakhulu. Wayesithi akubona nantoni enombala obumvu ayilandele.

Ngenye imini, uKhazi wabona ndoda ithile inxibe umnqwazi obomvu. Waphandlwa ngulo mbono womnqwazi obomvu omhle.

UKhazi wayilandela le ndoda yade yaya kufika edolophini.







Indoda eyayinxibe umnqwazi obomvu omhle yangena kwivenkile eyayineminye iminqwazi ebomvu. Wonwaba kakhulu uKhazi akubona iminqwazi ebomvu emininzi.

Wabuyela kwezinye iikati enemincili.  Ezinye iikati zazingaluqondi olu thando lungaka lombala obomvu  lukaKhazi.  Zonke iikati zange zimhoye zaqhubekeka nokwenza izinto ezenziwa ziikati. Kodwa yena uKhazi zange abe yinxalenye yoko.





Ngosuku olulandelayo wavuka kwakusasa uKhazi. Waxelela zonke iikati ukuba uya edolophini uyokuthenga umnqwazi obomvu. Zamangaliseka iikati zisithi zange zayibona ikati ethwele umnqwazi.

Wafika edolophini ucango lwevenkile luvaliwe.  Wahlala ngaphandle walinde. Wayonwabile ezibona enxibe yonke loo minqwazi ibomvu yayilapho.







Lalilide ixesha uKhazi ehleli elinde ngaphandle.  Kwakusele kusemva kwemini. Imo zulu yayisele iguqukile  kubanda.

Kusenjalo indoda enxibe umnqwazi obomvu yaphuma evenkileni. Yabona uKhazi ezisonge apho eqhaqhatheka yabuza.

“Uvela phi katana?”





Indoda yathatha uKhazi yamsongela ngomnqwazi omkhulu obomvu. Wonela nje kukwambathiswa ngombala obomvu uKhazi wacimela.

Kwathi xa kufika ixesha lokugoduka. Indoda yamthatha uKhazi yagoduka naye.

Ngobo busuku, uKhazi walala onwabile, efudumele.

